Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ndabonakalisa ukuzithemba ngaloo mini **[50]**

1.2 Uthando esilufumana kubazali! **[50]**

1.3 Xa ndinokuphinda ndiye kuloo ndawo … **[50]**

1.4 Ukusetyenziswa kweethabhlethi kwinkqubo yokufunda nokufundisa ezikolweni **[50]**

1.5 Abantu abatsha bakulungele ukukhokela **[50]**

Khetha umfanekiso ubeMNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6, 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6



[Uthatyathwe ku-www.shutterstockimages.com] **[50]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umzala wakho ileta uvuyisane naye ngokuphumelela ivawutsha kukhuphiswano lwenye yeevenkile zempahla yokunxiba. **[30]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Uyinkokeli yombutho wolutsha. Bhala ileta eya kusihlalo wekhansile elawula ukuphathwa kakuhle kwezilwanyana kwingingqi yakho ucebise ngekhampeyini enokwenziwa malunga nokuphathwa kwezilwanyana zasekhaya. **[30]**

2.3 **I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Ningabafundi bebanga le-12 benibambe intlanganiso yokwenza amalungiselelo omdaniso *(Matric dance).*

Bhala i-ajenda nemizuzu yale ntlanganiso. **[30]**

2.4 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oza kuluqhuba nomcebisi ngezakhono *(Career guide)* malunga nezifundo onqwenela ukuzikhetha eyunivesithi. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IPOWUSTA**

Njengenkokeli yolutsha, bhala ipowusta eyazisa ngetheko lokubhiyozela umhla we-16 kwinyanga kaJuni kunyaka wama-2024. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE KA-*FACEBOOK***

Bhala umyalezo ka-*Facebook* wazise umhlobo wakho ngeshishini oliqalileyo. Mnike iinkcukacha ezithe vetshe ngeli shishini uze umcele ukuba akuncedise ekulipapasheni. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Ungumfundi webanga le-12 ocelwe ukuba anike iingcebiso kubafundi bebanga le-11 ukuze baphumelele kwibanga le-12. Bhala imiyalelo enokubanceda. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## MEYI/JUNI 2024

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 100**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kweli candelo umviwa ukhetha isihloko sibe sinye. Xa ekhethe zazibini, makisha esokuqala.
- **QAPHELA:** Umviwa angabhala naluphi udidi lwesincoko ngesihloko asikhethileyo.
- Ubude besincoko bumele ukuba kwisithuba samagama ali-190 ukuya kuma-240.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo A ukumakisha esi sincoko.

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.1 | Isihloko: | Ndabonakalisa ukuzithemba ngaloo mini | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:**<br><br>• Inkcaza ngale mini.<br>• Iinkcukacha malunga nendawo, umhla neendidi zabantu ababekho kule ndawo.<br>• Anganika iinkcukacha ngokwenzeka ngale mini.<br>• Angakhankanya iimvakalelo zakhe.<br>• Isenzo awasenzayo esabonakalisa ukuzithemba.<br>• Amava nesifundo esinokufundwa.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.2 | Isihloko: | Uthando esilufumana kubazali! | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:**<br><br>• Anganika inkcaza ngothando.<br>• Uthando alufumana kubazali bakhe okanye abazali abangengabo abakhe.<br>• Uhlobo lothando olufunyanwa ngabantwana kubazali.<br>• Angachaza ifuthe lothando olufunyanwa ngabantwana kubazali.<br>• Angathetha ngendima yabazali noxanduva abanalo ngakubantwana ngokubanzi.<br>• Angavelisa iingxaki zokusilela kothando lwabazali ebantwaneni.<br>• Angaveza indlela abangalubuyekeza ngalo abantwana uthando abalufumana kubazali.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.3 | Isihloko: | Xa ndinokuphinda ndiye kuloo ndawo … | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:**<br><br>• Iinkcukacha/inkcaza ngale ndawo.<br>• Angakhankanya abantu awayekunye nabo kuyo.<br>• Anganika iinkcukacha ngezinto ezimnandi okanye ezimbi ezathi zenzeka.<br>• Izimvo zakhe ngale ndawo nezigqibo awazithathayo ngayo.<br>• Anganika izizathu zokuba abe nomnqweno wokuphinda aye kule ndawo.<br>• Amava neemvakalelo zakhe ngayo.<br>• Isilumkiso okanye inkuthazo malunga nale ndawo ayikhankanyileyo.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.4 | Isihloko: | Ukusetyenziswa kweethabhlethi kwinkqubo yokufunda nokufundisa ezikolweni | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angachaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:**<br>• Anganika inkcazelo ngeethablethi ngokubanzi.<br>• Imvelaphi yokufakwa kweethabhlethi ezikolweni njengesixhobo sokufunda nokufundisa.<br>• Ukubaluleka kokufunda nokufundisa kusetyenziswa iithabhlethi.<br>• Uncedo okanye iingxaki ezithi zifumaneke ngokufunda nokufundisa kusetyenziswa iithabhlethi.<br>• Umahluko phakathi kweendlela ebekufundiswa kufundwa ngazo phambi kokuba kubekho iithabhlethi.<br>• Anokukucebisa ngokusebenzisa iithabhlethi<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |
| 1.5 | Isihloko: | Abantu abatsha bakulungele ukukhokela | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:**<br>• Inkcaza malunga nabantu abatsha negalelo labo kwimbali yezopolitiko kweli loMzantsi Afrika.<br>• Angabalula izakhono abanazo abantu abatsha.<br>• Angathetha ngendima enokudlalwa ngabantu abatsha kwizikhundla zokukhokela ezize neenguqu.<br>• Angakhankanya abantu abatsha abasele bekwizikhundla zokukhokela negalelo labo ukuphucula intlalo yoluntu.<br>• Angakhuthaza abantu abatsha ukuba bazigqatsele izikhundla zokukhokela kwiindawo ngeendawo.<br>• Kwicala elichasayo: Angabalula ukusilela ngamava njengengxaki abanayo abantu abatsha kwiindawo abasebenza kuzo njengeenkokeli.<br>• Anganika imizekelo ephilayo apho abantu abatsha babonakalisa ukusilela kubunkokeli babo.<br>• Angavakalisa isandla sabantu abadala abanamava phezu kwemisebenzi yabantu abatsha ukuze ifezeke.<br>• Angabalula izimo zabantu abatsha ezenza babe abakulungeli ukukhokela.<br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.6 | Isihloko: | Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe. | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo | **Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo:**<br><br>• Angathetha ngezandla azibona emfanekisweni.<br>• Imisebenzi ebonakalisa izenzo zobuntu.<br>• Okuyinzuzo xa kusenziwa izenzo zobuntu entlalweni.<br>• Inkcaza ngohlobo lwabantu ababonakalisa izenzo zobuntu.<br>• Ubuntu njengendlela yokumanya uluntu.<br>• Okunokufundwa ngomanyano nentsebenziswano.<br>• Angawutolika ngokwentsingiselo efihlakeleyo umfanekiso.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.7 | Isihloko: | Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe. | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo: | **Umviwa angachaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.**<br><br>• Inkcaza ngongcoliseko lomoya.<br>• Izinto ezikhokhelela kungcoliseko lomoya.<br>• Ukuchaphazeleka koluntu nezilwanyana okubangelwa lungcoliseko lomoya.<br>• Ifuthe elibi longcoliseko lomoya kwezoqoqosho, kwimpilo yabantu nakwimo-zulu ngokubanzi.<br>• Iindlela zokuthintela ungcoliseko lomoya.<br>• Angawutolika njengemizi-mveliso kwezoqoqosho.<br>• Angabalula igalelo lemizi-mveliso kuphuhliso lwezoqoqosho.<br>• Angawutolika ngokwentsingiselo efihlakeleyo umfanekiso.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.8 | Isihloko: | Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe. | |
| | Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. | |
| | Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lwesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. | |
| | Umxholo: | **Umviwa angachaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.**<br><br>• Inkcaza ngosapho.<br>• Angathetha ngokubaluleka kosapho entlalweni.<br>• Anganika inkcaza ngeempawu ezithile ezenza usapho.<br>• Angathetha ngokubaluleka komanyano kumalungu osapho.<br>• Unokuvelela indima edlalwa ngamalungu osapho ekwakhekeni kwalo.<br>• Ukubaluleka kokuba yinxalenye yosapho neengxaki zaxa kungenjalo.<br>• Angavelela usapho njengabantu abakunye ngokokuhlala, ngokokusebenza, ngokobuhlobo nemvano.<br>• Angawutolika ngokwentsingiselo efihlakeleyo umfanekiso.<br><br>[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] | **[50]** |

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IIMPAWU ZESINCOKO**

Isincoko esibalisayo sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.
- Makasebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/sokugqibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

Isincoko esichazayo sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

Isincoko esicamngcayo:
- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso – ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.

Isincoko esixoxela icala elinye:
- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela–isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula.
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Kwisincoko esivelela amacala omabini

- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe uluvo xa evala.
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma nokunika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye. Ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala.
- Ubude bomhlathi omde mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo B ukumakisha lo mhlathi.

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

- Idilesi inye, yeyomntu obhala ileta.
- Isibuliso – makabizwe ngegama umntu obhalelwayo.
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace.
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhalela umzala wakhe.
- Umxholo: Mawube malunga nokuvuyisana nomzala wakhe ngokuphumelela ivawutsha yempahla kukhuphiswano.
- Isiphelo sibe seseleta yobuhlobo kwaye kubhalwa igama kuphela.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo. **[30]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

- Iidilesi zimbini, eyombhali neyombhalelwa.
- Isibuliso sesindilisekileyo.
- Umcimbi mawubhalwe ngoonobumba abakhulu (ukuba ubhalwe ngoonobumba abancinci ukrwelelwe umgca ngaphantsi).
- Ithoni nerejista mazibe zezifanele ileta esesikweni.
- Umxholo: Mawube ngowokucebisa ngekhampeyini enokwenziwa malunga nokuphathwa kwezilwanyana zasekhaya.
- Isiphelo sibe seseleta esesikweni- igama nefani zibhalwe ngokupheleleyo.
- Ulwimi malube lolusesikweni. **[30]**

2.3 **I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

- I-ajenda mayiveze uluhlu lwemiba nenkqubo.
- Mayicwangciswe inkqubo eza kulandelwa kwintlanganiso.
- Makubhalwe iingongoma kuphela.
- Imibandela eza kuxoxwa mayinonjolwe ukuze icace nakubani na.
- Imiba ilandelelaniswa ngolu hlobo: ukuvula nolwamkelo; abakhoyo; izingxengxezo zabangekhoyo; ukufundwa kwemizuzu yentlanganiso edlulileyo nolwamkelo lwayo, imivuka ( imiba engazange ixoxwe igqitywe kwintlanganiso edlulileyo); imiba engundoqo (imiba eza kuxoxwa nesisizathu sokubizwa kwentlanganiso); Ukwaziswa komhla wentlanganiso elandelayo; ukuvala.
- Imizuzu mayihambe ngokokulandelelana kwemiba ekwi-ajenda.
- Makubhalwe izigqibo ekuvunyelwene ngazo kuphela. **[30]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.4 **UDLIWANONDLEBE**

- Ingxoxo ibhalwa njengoko isenzeka.
- Makuvele izalathisi zeqonga ukuxela indawo, abathathi nxaxheba kunye nexesha ekuqhutywa ngalo udliwanondlebe.
- Kushiywa umgca phakathi kwezithethi.
- Imibuzo mayicace ingqale kwaye ibuzelwe iinjongo ezisekelwe ekufezeni iinjongo zokuqhutywa kodliwano-ndlebe.
- Umxholo: Mawube ngezifundo acetyiswa ukuba azikhethe eyunivesithi.
- Ophendulayo makanike iimpendulo ezingqale kokubuzwayo angawanqi.
- Imibuzo mayibe yengathathi cala, engacaluliyo.
- Imibuzo mayibe luhlobo lwemibuzo evulelekileyo.
- Iimpendulo mazibonise ulwazi oluphangaleleyo nolunzulu malunga nesihloko eso, kwaye zinike inkcaza nengcaciso kangangoko.
- Akusetyenziswa zimpawu zocaphulo.
- Obuzayo nophendulayo banakho ukuthetha kumntu wokuqala (basebenzise u-ndi). **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ube mnye, aze athi ukuba ukhethe yamibini, umakishe owokuqala.
- Ubude bomhlathi omfutshane ngama-60 ukuya kuma-80 amagama umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo C ukumakisha lo mhlathi.

**UMBUZO 3**

3.1 **IPOWUSTA**

- Isakhono nobuchule bokuyila buyafuneka ukuze umsitho ube ngowodwa, unika lowo umenywayo isizathu sokuzimasa umcimbi lowo.
- Makusetyenziswe iifonti ezahlukileyo.
- Makunikwe ulwazi oluquphayo nolucacileyo.
- Nini – umhla nexesha.
- Phi – idilesi/ indawo.
- Izithethi/amaqela amenyiweyo.
- Indlela yokunxibelelana; imfonomfono, iselula, ifekisi okanye i-imeyile.
- Ulwimi olucengayo.
- Ixesha langoku, kusetyenziswe izivakalisi ezifutshane ezingqala ngqo kwiinkcukacha ezibalulekileyo, amabinzana angasetyenziswa. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE KA-*FACEBOOK***

- **Makuvele iqonga lika-*Facebook* ekuza kuthunyelwa ngalo umyalezo.**
- Uphawu lokukhangela *(search icon)* malubonakale.
- Makuvele **igama** nomfanekiso womntu othunyelelwa umyalezo.
- **Makubonakale izihlokwana ezizezi: abahlobo, imiyalezo kunye namachaphaza amathathu.**
- **Makuvele isithuba sokuthumela umyalezo bucala *(messenger/inbox)*.**
- Makuvele ii*emoji* ekunokukhethwa kuzo xa kuthunyelwa umyalezo.
- Umxholo womyalezo ka-*Facebook* mawube malunga neshishini aliqalileyo.
- Iinkcukacha ngeli shishini lakhe mazidandalaziswe (indawo, uhlobo lweshishini, okumkhuthazele ekuqaleni eli shishini).
- Makamcele ukuba alazise kangangoko nakwabakhe abahlobo ngokucofa iqhosha elifanelekileyo *(Tag/Share)*.
- Umyalezo mawucace gca. **[20]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.3 **IMIYALELO**

- Makubekho imiba nesihloko esingqalileyo nesicacileyo.
- Makubekho oyalelayo (onika imiyalelo) nomntu oyalelwayo (owamkela imiyalelo).
- Imiyalelo mayibe malunga nokunikwa kweengcebiso zokuphumelela kwibanga le-12.
- Makusetyenziswe isiyaleli kunye nemo evumayo ubukhulu becala.
- Makusetyenziswe izivakalisi ezifutshane.
- Makuvakale ukuba imiyalelo ifikelela ekupheleni usebenzisa la magama akwizibiyeli (okokugqibela/ekugqibeleni). **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha izincoko zephepha lesi-3, ICANDELO A.
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu aphambili.
- Kwiikhrayitheriya yoMxholo, uLwimi neSimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe lanomgangatho ongentla nongezantsi yanemimandla yamanqaku ahambelana nomgangatho ngamnye.
- Ikhrayitheriya yeSakhiwo yona ayichaphazeleki ngumgangatho ongentla nongezantsi.

**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU]**

| Ikhrayitheriya | | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO NOCWANGCISO**<br><br>(Impendulo nezimvo)<br>Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa<br>Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br><br>**30 AMANQAKU** | **Umgangatho ongentla** | **28–30** | **22–24** | **16–18** | **10–12** | **4–6** |
| | | -Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindelekile<br>-Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko<br>-Isincoko sibekelelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko | -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu<br>-Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo<br>-Iingcamango zibekelelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo | -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo<br>-Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo<br>-Iingcamango zibekelelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo | -Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo<br>-Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko<br>-Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango | -Impendulo ayikho mxholweni konke konke<br>-Izimvo zibondene azingqalanga ntweni<br>-Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye<br>-Iingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano |
| | **Umgangatho ongezantsi** | **25–27** | **19–21** | **13–15** | **7–9** | **0–3** |
| | | -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekele phi kwisincoko<br>-Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga<br>-Iingcamango zibekelelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo | -Impendulo ixonxwe ngobugcisa<br>-Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla<br>-Sibekelelwe ngobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo | -Impendulo iyanelisa nangona kumana kubakho ukungacaci kwiindawo ezithile<br>-Kukho ukunamathelana okubonakalayo kwizimvo kwaye kuyanelisa<br>-Kukho ukubekelelwa kweengcamango nonamathelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo | -Impendulo iphumile emxholweni ubukhulu becala<br>-Izimvo ziyaqhawu-qhawuka ziyabhidisa<br>-Buyanqaphazeka ubungqina bokubekeleleka kweengcamango nonamathelwano | -Impendulo itenxile malunga nomxholo<br>-Izimvo zitenxile zingcwecwela kude nomxholo<br>-Iingcamango ziyingxubevange engenamgqalisela |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU] (isaqhubeka)**

| Ikhrayitheriya | | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **ULWIMI, ISIMBO & NOKUHLELA**<br><br>Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama Iimpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo<br><br>**15 AMANQAKU** | **Umgangatho ongentla** | **14–15**<br>-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene ngokugqwesileyo nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyathabathekisa<br>-Ithoni enomtsalane nezafobe zentetho eziphumeza injongo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nokusetyenziswa kolwimi<br>-Sixonxwe ngobugcisa obukhulu | **11–12**<br>-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Ulwimi luchaneke ngakumbi kwaye ithoni isetyenziswe ngokuchaneka kwisincoko siphela<br>-Iziphene zokusetyenziswa kolwimi nopelo zinqongophele<br>-Sixonxwe ngobugcisa obukhulu | **8–9**<br>-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Ulwimi olufanelekileyo ludlulisa umyalezo<br>-Ithoni ifanelekile<br>-Izafobe zentetho zinonga umxholo | **5–6**<br>-Ithoni, irejista, isimbo, isigama azifanelananga ncam nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka<br>-Ithoni nochongo magama azifanelekanga<br>-Isigama sinqongophele | **0–3**<br>-Ulwimi aluvakali<br>-Ithoni, irejista, isimbo, isigama asifanelananga kwaphela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Ukunqongophala kwesigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo |
| | **Umgangatho ongezantsi** | **13**<br>-Ulwimi luchanekile kanye nezafobe zisetyenzisiwe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi<br>-Sixonxwe ngobugcisa obukhulu | **10**<br>-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala<br>-Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala<br>-Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopelo<br>-Sixonxwe ngobugcisa | **7**<br>-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa asekho amakhwiniba<br>-Ithoni ifanelekile kodwa izafobe zentetho ezisetyenzisiweyo zinqongophele | **4**<br>-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye<br>-Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintsha-tshintshwa<br>-Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo | |
| **ISAKHIWO**<br><br>Iimpawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi<br><br>**5 AMANQAKU** | | **5**<br>Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo<br>-Iinkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqisiswa ngokugqwesileyo | **4**<br>-Iinkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelanayo<br>-Izimvo zinamathelene<br>-Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo | **3**<br>-Iinkcukacha ezisemxholweni zikhulisiwe<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle<br>-Isincoko sibunjwe ngengqiqo | **2**<br>-Zikho iingcamango ezamkelekileyo<br>-Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba<br>-Isincoko sisenayo ingqiqo | **0–1**<br>-Iingcamango ezifunekayo zinqongophele<br>-Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko<br>-Isincoko asinangqiqo |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | | **43–50** | **33–40** | **23–30** | **13–20** | **0–10** |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIHLOMELO B: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE– ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [30 AMANQAKU]**

| Ikhrayitheriya | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI** | **15–18** | **11–14** | **8–10** | **5–7** | **0–4** |
| Ukungqala kwempendulo nezimvo<br>Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa<br>Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kunye nemeko<br><br>**18 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile idlule okuqhelekileyo<br>-Izimvo ziqiqisisiwe kwaye zivuthiwe<br>-Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Umsebenzi ungqalile uhleli emxholweni<br>-Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo<br>-Iingcamango zidakancwe ngobunono zonke iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile | -Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Ingqalile ayiphumi nasemxholweni<br>-Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo<br>-Iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi | -Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokugqwidiza<br>-Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile<br>-Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki | -Impendulo ibonakalisa ulwazi olungephi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni<br>-Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziswe ngokungaqondi<br>-Kutyeshelwe izinto ezininzi | -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni<br>-Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo<br>-Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe |
| **ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA** | **10–12** | **8–9** | **6–7** | **4–5** | **0–3** |
| Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko<br>Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo<br>Uchongo magama<br>Iimpawu zokubhala kunye nopelo<br><br>**12 AMANQAKU** | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sichaneke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle<br>-Isigama sichanekile<br>-Ubukhulu becala akukho zimpazamo | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sihambelana nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso<br>-Isigama siyanelisa<br>-Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani ncam nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo<br>-Sinqongophele isigama<br>-Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani kwaphela nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo<br>-Izele ziimpazamo ixazalala<br>-Isigama asifanelananga nenjongo<br>-Intsingiselo ilahleke kakhulu |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | **25–30** | **19–23** | **14–17** | **9–12** | **0–7** |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIHLOMELO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIFUTSHANE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]**

| Ikhrayitheriya | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO UKUCWANGCISA NEFOMATHI** | **10–12** | **8–9** | **6–7** | **4–5** | **0–3** |
| Impendulo nezimvo<br>Ukubekelelwa kwezimvo<br>Iimpawu zetekisi/ umgaqo kunye nemeko<br><br>**12 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo<br>-Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe<br>-Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza<br>-Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo<br>-Iingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile | -Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Ingqalile ayiphumi nasemxholweni<br>-Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo<br>-Iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala | -Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza<br>-Ukunamathelana kumxholo nezimvo kwenzeka ngokufanelekileyo<br>-Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga | -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni<br>-Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi | -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Intsingiselo ilahleka rhoqo.<br>-Intsingiselo iduka kwisakhiwo esixazalala<br>-Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo<br>-Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA** | **7–8** | **5–6** | **4** | **3** | **0–2** |
| Ithoni, irejista, isimbo, nesigama singqamene nenjongo kunye nemeko<br>Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo<br>Ukhetho- magama<br>Iimpawu zokubhala kunye nopelo<br><br>**8 AMANQAKU** | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle<br>-Isigama sichanekile<br>-Ubukhulu becala azikho iimpazamo | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso<br>-Isigama siyanelisa<br>-Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga ncam nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo<br>-Sinqongophele isigama<br>-Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga kwaphela nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo<br>-Izele ziimpazamo ixazalala iyadida<br>-Isigama asihambelani nenjongo<br>-Intsingiselo ilahlekile kakhulu |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | **17–20** | **13–15** | **10–11** | **7–8** | **0–5** |